

Inombolo yefayili: 18/2/R  
Isalathiso: 20231212-594

Ingcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso yeZibonelelo kumaZiko: 0002/2024

Iya: KuBalawuli abaziNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente nakwizikolo zeZakhono ezineendlela zezikim zoThutho lwaBafundi ezidluliselwe kulawulo lwezikolo

**Isihloko: Ukuhlolwa kweendlela ezikhethiweyo zeSkim soThutho lwaBafundi (LTS) ezidluliselwe kulawulo lwezikolo**

1. NgoSeptemba 2023, iCandelo loLawulo lwaNgaphakathi leSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) lihlole iindlela ezikhethiweyo ze-LTS ezidluliselwe kulawulo lwesikolo.
2. **Iziphumo ezivela kwiCandelo loLawulo lwaNgaphakathi zokuhlolwa kweendlela ze-LTS ezidluliselwe kulawulo lwesikolo.**

Kuqatshelwe ukusilela okunxulumene nokulawulwa kweendlela ze-LTS ezidluliselwe kulawulo lwesikolo nokwenziwa kweenkonzo zothutho. Apha ngezantsi sisishwankathelo seziphumo eziqatshelwe kwisampuli yeendlela:

- Izikolo azizigcini ngokupheleleyo iirekhodi zamaxwebhu anxulumene neendlela zothutho lwabafundi;
- Iifom ii-WCED 061 forms ezikwiirekhodi zezikolo azizaliswanga ngokupheleleyo yaye azingqinelani nenani labafundi abasebenzisa le nkono;
- Amagama abafundi adweliswe kwidatha yothutho lwabafundi kwi-CEMIS awangqinelani namagama abafundi abasebenzisa le nkono;
- Izikolo azinazo iikhontraki ezimiselweyo nababoneleli ngeenkonzo (SPs) yaye akukho ziirekhodi zembalelwano;
- Ii-SPs nobaqhubi bezithuthi abanikwanga uMgaqo wokuziPhatha neeshedyuli zamaxesha okusebenza;
- Izikolo azizihloli rhoqo izithuthi ezisebenza kwezi ndlela;

- Abanye abafundi abavunywanga nguNdlunkulu weSebe i-WCED ukuba basebenzise izithuthi zothutho lwabafundi;
- Abanye abaqhubi bezithuthi baneelayisensi zokuqhuba neepemithi ii-*professional driver permits* eziphelelweyo;
- Ezinye izithuthi zineelayisensi namaxwebhu okuba sendleleni (*roadworthy documents*) aphelelweyo okanye azinazilayisensi zokusebenza.

### 3. **Iimfuno zeMigaqo yokuSebenza eMiselweyo (SOP) ezenzelwe ulawulo lwe-LTS**

- 3.1 Kuqhotyoshelwe incwadana yeMigaqo ye-SOP yolawulo lwe-LTS, apho kuqatshelwe indima nemisebenzi yabachaphazeleka ngokwahlukeneyo ekwenziweni kweenkonzo ze-LTS.
- 3.2 Iinqununu namagosa ekudluliselwa kuwo amagunya azo ezikolweni ezineendlela ze-LTS ezidluliselwe kulawulo lwesikolo kufuneka baziqhelanise nokufunda umhlathi 7 nowe-11 wencwadana yeMigaqo ye-SOP. Ngokwenza okufunwa kwincwadana yeMigaqo ye-SOP, iinqununu ziya kukujongana nokusilela okwenzeka kulawulo nokwenziwa kweenkonzo ze-LTS okufunyenwe kwiziphumo zokuhlolwa kweendlela ezidluliselwe kulawulo lwesikolo.
- 3.3 Ukuhlolwa okuya kulandelela okuqhubekayo kuya kwenziwa ngamagosa othutho lwabafundi kwizithuthi ezichaphazelekayo ukumisela ukuba ingaba izikolo zijongene na nemiba ebiqatshelwe ukuba iyasilela.
- 3.4 Ukujongana neziphumo ngokumalunga neMigaqo yokuziPhatha enikwe abaqhubi bezithuthi nee-SPs, kuqhotyoshelwe uxwebhu i-pro forma *Code of Conduct for Drivers and Adult Supervisors* ukwenzela ukuba isetyenziswe zizikolo. Uxwebhu i-pro forma *Code of Conduct* lunako ukufakelwa izilungiso zeemfuno ezimiselweyo zesikolo ngasinye yaye kufuneka inikwe ii-SPs ukuze ziyinike abaqhubi bezithuthi babo.
- 3.5 Iinqununu zikwakhunjuzwa ngokuqulethwe yiNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso yeZibonelelo kumaZiko 0001/2024, ecacisa inkqubo emayilandelwe xa kutshintshwa izithuthi ezigunyazisiweyo kwiindlela zothutho lwabafundi.

### 4. **Isicelo sokungeniswa kwamaxwebhu ekhontraki okanye sokuqinisekiswa kwezithuthi ezisetyenziswa zizikolo**

- 4.1 Enye yezinto ezixhalabisa kakhulu ezivele kwingxelo yovavanyo yeyokuba izikolo ezisebenzisa i-SP ukuthutha abafundi azinawo amaxwebhu ekhontraki asemthethweni kunye ne-SP.
- 4.2 Kucelwa iinqununu ukuba zizalise le fom iqhotyoshelweyo echaza ukuba ngaba isikolo sisebenzisa isithuthi saso na ukwenza iinkonzo zeendlela ze-LTS ezidluliselwe kulawulo lwesikolo okanye kuqeshwe i-SP yokwenza inkonzo yokuthutha abafundi.

- 4.3 Izikolo ezisebenzisa izithuthi zazo kwiindlela ze-LTS ezidluliselwe kulawulo lwesikolo kufuneka zibonakalise iinkcukacha zezithuthi ezisetyenziswa kule ndlela yaye zingenise iikopi zelayisensi esemthethweni namaxwebhu okubasendleleni ezithuthi ezikuluhlu.
- 4.4 Izikolo ezisebenzisa i-SP ukuthutha abafundi kufuneka zingenise ikopi yekhontraki esemthethweni ephakathi kwesikolo ne-SP. Ikhontraki esayinwe ngokufanelekileyo kufuneka iquke uxwebhu olubonakalisa izithuthi ezisetyenziswa kulo ndlela neekopi zelayisensi ezisemthethweni namaxwebhu okubasendleleni kwesithuthi kwizithuthi ezikuluhlu. Ileta engeniswayo yengqesho ayisayi kuthathwa njengoxwebhu lwekhontraki olusemthethweni.
- 4.5 Izikolo kufuneka zingenise la maxwebhu akhankanywe ngasentla ungadlulanga owama-31 Matshi 2024 apha [wcedlts@westerncape.gov.za](mailto:wcedlts@westerncape.gov.za). Ukungeniswa kwamaxwebhu ekhontraki asemthethweni kuya kuba yimfuno ephambili xa kungeniswa amabango ukususela ngowo-01 Julayi 2024.
5. **Iinkqubo zexesha elizayo ukulungiselela iindlela ze-LTS ezidluliselwe kulawulo lwesikolo**
- 5.1 Incwadana yeMigaqo ye-SOP ye-LTS iyahlaziywa ngenjongo yokunika izikolo ezilawula iindlela ze-LTS ezidluliselwe kulawulo lwesikolo isikhokelo esineenkukacha ezingaphezulu ukwenzela inkonzo yothutho esebenzayo kwiindlela ze-LTS. Isikhokelo siya kuquka imisebenzi yesikolo yokwenza iinkonzo zeendlela ezidluliselwe kulawulo lwesikolo neenkqubo emazilandelwe zokulawula iindlela ezidluliselwe kulawulo lwesikolo. Kuya kubonelelwa nangeefom ezimiselayo ekufuneka zisetyenziswe kwezi nkqubo.
- 5.2 ISebe i-WCED likwathathela ingqalelo ukusetyenziswa kokhuphiswano ngamaxabiso (*bidding*) noxwebhu lwekhontraki olukumgangatho ofanayo omalusetyenziswe zizikolo ezilawula iindlela ezidluliselwe kulawulo lwesikolo, apho zithenga khona iinkonzo zazo zezothutho.
6. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**

**UMHLA:** 2024-01-24